basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

FEBRUWARI/MATSHI 2011

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-11.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

   ICANDELO A: Izincoko (40)
   ICANDELO B: Imihlathana emide (20)
   ICANDELO C: Imihlathana emifutshane (20)

2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha elitsha.

5. Yenza uyilo (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagramu/ flowu tshati/amagama ngundoqo, njalo-njalo). Hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-60 ubuncinci KWICANDELO A. Imizuzu engama-30 KWICANDELO B nemizuzu engama-30 KWICANDELO C.

8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

   QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

    UBUDE BEEMPENDULO

    ICANDELO A: Izincoko – Bhala isincoko esili-150 – 180 amagama

    ICANDELO B: Imihlathana emide – Bhala ama-60 – 80 amagama [umxholo kuphela]

    ICANDELO C: Imihlathana emifutshane – Bhala ama-40 – 60 amagama [umxholo kuphela]

ICANDELO A: ISINCOKO

Khetha isincoko sibe siNye kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-150 ukuya kuma-180.

UMBUZO 1

1.1 Bhala isincoko ubalise ngeNdebe yeHlabathi yesoka (yebhola ekhatywayo) eMzantsi Afrika ngo-2010.



[40]

OKANYE

1.2 Ukhe waya kwelinye ilizwe eAfrika okanye phesheya kolwandle.

Bhala isincoko ngale holide yakho.

Ndityelele ilizwe elimangalisayo!



[40]

OKANYE

1.3 Wena ulivolontiya kwinkampani yokhenketho kwiphondo ohlala kulo.

Bhala isincoko uchaze lonke ulwazi onalo ngephondo lakho. **[40]**

OKANYE

1.4 Wena ukhe watyelela kwiindawo zasemaphandleni (zasezilalini).

Bhala isincoko ubalise ngezinto ozibonileyo nozithandileyo apho emaphandleni. **[40]**

OKANYE

1.5 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko.



[40]

OKANYE

1.6 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko.

[40]

OKANYE

1.7 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko.

Kubulawa izilwanyana ezingama-200 yonke imihla

[40]

OKANYE

1.8 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko.

Imfundo. Nam ndinayo!

[40]

AMANQAKU ECANDELO A: 40

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Khetha umhlathana omde ube Mnye kule ilandelayo. Bhala ama-60 ukuya kuma-80 amagama. Bhala kwiphepha elitsha.

UMBUZO 2

2.1 **INGXOXO**

Ifoni iyakhala. Ngumhlobo wakho, ufuna ukukuxelela ngohambo lwakhe lwasefama. Nawe ukhe waya efama. Ncokolani ngezi fama.

[20]

OKANYE

2.2 ILETA ESEMTHETHWENI

Bhala ileta eya kwiphephandaba lendawo ohlala kuyo uze uthethe ngengxaki yokuphathwa kakubi kwabantu abasuka kwamanye amazwe ezwekazi leAfrika.

Abafuni bantu bamanye amazwe

[20]

OKANYE

2.3 ILETA YOBUHLOBO

Abazali bakho bathenge imoto yosapho entsha. Bhalela umhlobo wakho ileta umxelele ngale moto yenu.

Imoto yethu entsha

[20]

OKANYE

2.4 **INGXELO**

Wena uligosa elisebenzela iSABC kwicandelo lemozulu. Bhala ingxelo yemozulu eza kusasazwa kwiSABC 1 emva kweendaba. Kule ngxelo thetha ngemozulu yamaphondo aseMzantsi Afrika, amaqondo obushushu nezilumkiso, njalo njalo.

INGXELO YEMOZULU



[20]

AMANQAKU ECANDELO B: 20

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Khetha umhlathana ube Mnye kule ilandelayo. Bhala ama-40 ukuya kuma-60 amagama. Bhala kwiphepha elitsha.

UMBUZO 3

3.1 IMIYALELO

Emva kokugqiba kwakho ukubhala iimviwo zokuphela konyaka, wena, usisi wakho, ubhuti wakho omncinane kunye nabazali bakho, niza kwenza amalungiselelo etheko lokuvuyisana nawe (ipati) kuba ugqiba iminyaka engama-18 uzelwe.

Bhala imiyalelo malunga nezinto ekufuneka umntu ngamnye azenze ekulungiseleleni eli theko lakho.

Min' emnandi kuwe!

[20]

OKANYE

3.2 IDAYARI

Wena useholideyini kwindawo enezinto ezininzi ezinika umdla.

Bhala kwidayari yakho yonke into oza kuyenza kwiintsuku ezintlanu. **[20]**

OKANYE

3.3 ISIBHENGEZO-NTENGISO

Ufumene umsebenzi wokuba ngumthengisi wefenitshala.

Bhala isibhengezo-ntengiso malunga nefenitshala yegumbi lokulala eniyithengisayo.

Ifenitshala yegumbi lokulala

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 80